## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

**Imigaqo yokuMakisha uVavanyo lokuqonda**

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kukuqonda, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo kumele zingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ukuqonda. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa olunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, loo magama mawangananzwa, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukumohlwaya. Ukanti ke, ukuba igama elisetyenzisiweyo lisuka kolunye ulwimi kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuqwalaselwe.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini okanye amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala.**

7. Kwamkele ukusetyenziswa kweelwimi zengingqi ezahlukileyo.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2015 -11- 06
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2015 -11- 06
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

### ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Wazalwa ngo-1975. √ (1)

1.1.2 Wazalelwa eBenoni, eTransvaal/eBenoni/eTransvaal. √ (1)

1.1.3 B/YiGauteng.√ (1)

1.1.4 Kuba umama wakhe wazalelwa eJamani, uyise wazalelwa eFransi./Abazali bakhe bayazithetha iilwimi zamazwe abazelelwe kuwo. √√ (2)

1.1.5 D/Usithetha kakuhle isiNgesi.√ (1)

1.1.6 Ngumsebenzi wokuba yiModeli/Wayesiya kuba yiModeli. √ (1)

1.1.7 EJoffrey Ballet School. √ (1)

1.1.8 IJoffrey Ballet School iqeqesha abadanisi beballet kanti iNational School of the Arts ifundisa ngobugcisa./IJoffrey Ballet School ifundisa iballet kuphela/IJoffrey Ballet School iseMelika kwaye iNational School of Arts iseMzantsi Afrika. √√ IJoffrey Ballet School ifundisa iballet. √ (2)

1.1.9 Wenzakala eqatheni. √ (1)

1.1.10 Bubuxoki akakwazanga ukuwufumana lula umsebenzi wokudlala kwimiboniso bhanyabhanya kuba ulwimi lwakhe yayiyiAfrikansi.√√ / kuba iifilim zaseMelika zingesiNgesi / Kwakufuneka ukuba afunde ukuthetha okomntu waseMelika. √√ (2)

1.1.11 Wafumana ithamsanqa lokudlala nabadlali abaphambili uAl Pacino noKeanu Reeves kwifilim uDevil's Advocate. √√ (2)

1.1.12 Bendiza kuvuya √ kakhulu kuba ukudlala kwiifilim nabadlali abaphambili kulithamsanqa kwaye bekuza kulibeka emephini igama lam nelosapho lwam √ /Bendingazi kuvakalelwa nto √ kuba andingomntu uthanda ukwaziwa okanye ukubalasela. √

(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

1.1.13 Kwifilim u*Monster*.√ (1)

1.1.14 Indima yombulali uAileen Wuornos.√ (1)

1.1.15 Yitalente yakhe.√ (1)

1.1.16 Uzibandakanya kwimisebenzi yokuphucula uluntu.√√ (2)

1.1.17 Sonke siyafana/sidalwe safana/sonke siyavakalelwa. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo yamkelekile.) (2)

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2 1.2.1 Kukudada.√ (1)

1.2.2 Ngamakhwenkwe.√ Amakhwenkwe adlala isoka, ihoki nentenetya maninzi kunamantombazana./Kwimidlalo emithathu maninzi amakhwenkwe kunamantombazana.√ (2)

1.2.3 Alishumi/ali-10.√ (1)

1.2.4 Yisoka/Isoka.√ (1)

1.2.5 Amahlanu/Ama-5.√ (1)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

EDUCATION
2015 -11- 06
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

EDUCATION
2015 -11- 06
PRIVATE BAG X110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Shwankathela ngezivakalisi ezipheleleyo.

| | Ukucaphula ngqo | | Amanqaku anokubhalwa |
|---|---|---|---|
| 1 | Ngaphandle kokuyitshixa indlu yakho kufuneka ube nomntu oza kukujongela yona xa ungekho. | 1 | Cela umntu akujongele indlu yakho xa ungekho.√ |
| 2 | Ukuba kunyanzelekile ukuba ungabikho endlwini yakho, ube ungenaye umntu onokukujongela yona, kungakunceda ukufakela i-alamu. | 2 | Kubalulekile ukufakela i-alamu endlwini yakho. √ |
| 3 | Kufuneka iselulafowuni yakho ibe nazo zonke iinombolo ezibalulekileyo. | 3 | Gcina iinombolo ezibalulekileyo kwiselulafowuni yakho. √ |
| 4 | Qiniseka ukuba izinto zakho zexabiso uyazikhupha emotweni. | 4 | Musa ukushiya izinto ezibalulekileyo emotweni. √ |
| 5 | Sela ngokuzilinganisela ukuba uza kuqhuba imoto. | 5 | Musa ukusela utywala xa uza kuqhuba.√ |
| 6 | Ukuba ubona abantu okanye izinto ezingaqhelekanga ngasendlwini yakho kufuneka ulumke. | 6 | Hlala ulumkile kwaye uxelele amapolisa ukuba ubona abantu ongabaqhelanga.√ |
| 7 | Musa ukuhamba wedwa endleleni okanye ukhwele imoto ongayaziyo ingakumbi ngexesha lasebusuku. | 7 | Kuyingozi ukuhamba wedwa ebusuku ingakumbi xa ulinenekazi.√ |
| | | | (amagama angama-47) |

(7)

**OKANYE**

Cela umntu akujongele indlu yakho xa ungekho.√ Kubalulekile ukufakela i-alamu endlwini yakho. √ Gcina iinombolo ezibalulekileyo kwiselulafowuni yakho. √ Musa ukushiya izinto ezibalulekileyo emotweni. √ Musa ukusela utywala xa uza kuqhuba.√ Hlala ulumkile kwaye uxelele amapolisa ukuba ubona abantu ongabaqhelanga.√ Kuyingozi ukuhamba wedwa ebusuku ingakumbi xa ulinenekazi.√

(amagama angama-47) (7)

**Ukumakisha isishwankathelo**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye.)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Akunikezwa manqaku olwimi.
  - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa inqaku eli-1 lolwimi.

**QAPHELA:**

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

EDUCATION
2015 -11- 06
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UKUMAKISHA ICANDELO C

1. Upelo

   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa iimpawu zobhalo zichanekile.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo, okanye zombini.

### UMBUZO 3

| | | |
|---|---|---|
| 3.1 | YiJem. √ | (1) |
| 3.2 | Libonisa ukuba le jem isebenzisa iziqhamo ezisemgangathweni. √ | (1) |
| 3.3 | Ijem yomntu wonke.√ | (1) |
| 3.4 | Zine/Zi-4 √ | (1) |
| 3.5 | Iijem √ zeHartley √ zimnandi. √ | (3) |
| 3.6 | Xa uthenga ezintandathu ufumana ibhotile enye mahala. √√ | (2) |
| 3.7 | Ibhotile √ | (1) |
| | | **[10]** |

### UMBUZO 4

| | | |
|---|---|---|
| 4.1 | Eish/Majita/Joyina √ | (1) |
| 4.2 | Uza kuhamba / Uza kumka / Uza kusweleka √ | (1) |
| 4.3 | Wajoyina iProteas √ | (1) |
| 4.4 | Iqakamba √ | (1) |
| 4.5 | u- √ | (1) |
| 4.6 | Zithini iindaba ezimnandi? √ | (1) |

EDUCATION
2015 -11- 06
PRIVATE BAG X110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

4.7 Umenze wancuma kakhulu/ulubonakalise ngoncumo lwakhe/ulubonakalise ngamehlo akhe athe gqa kukonwaba.√√ (2)

4.8 B/Ukhathazekile √ (1)

4.9 Asinguwe √ (1)
**[10]**

**UMBUZO 5**

5.1 5.1.1 (a) bayithande √ (1)

(b) yonke √ (1)

(c) yehlobo √ (1)

5.1.2 Utata √ (1)

5.1.3 (a) Abazali banikwe izitshixo zegumbi lokulala.√ (1)

(b) USiphosihle uza kudadela kude. √ (1)

5.1.4 Egumbini √ (1)

5.1.5 C/uyavuya √ (1)

5.1.6 -tofotofo √ (1)

5.1.7 Igunjana √ (1)

5.1.8 (a) Asizi kuhlala √ (1)

(b) Asiyohotele √ (1)

5.1.9 'Mntwana, √ phumla kamnandi!' √ (2)

5.2 5.2.1 Abantu ababini. √ (1)

5.2.2 Unayo ilayisensi? / Unelayisensi? √ (1)

5.2.3 Amehlo akhe uwavule kakhulu. / Uvule umlomo. √ (1)

5.2.4 Umfazi uza kungxoliswa yindoda. √√ (2)

5.2.5 Ilayisensi √ (1)
**[20]**

EDUCATION
2015 -11- 06
PRIVATE BAG X110
PRETORIA 0001

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**

2015 -11- 06
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## ICANDELO D: UNCWADI

### Imigaqo yokuMakisha

1. Ukuba ukunombola iimpendulo akuhambelani nombuzo, makisha ngokukhokelwa yimemo.
2. Ukuba isiphene sopelo sichaphazela intsingiselo yempendulo efunekayo, oko kuthatyathelwa amanqaku. Ukuba intsingiselo ayichaphazeleki, oko kumakishe njengokuchanekileyo.
3. Ukuba umviwa uphose ukusebenzisa iimpawu zocaphulo xa eyalelwe ukuba makacaphule, **musa ukumohlwaya.**
4. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina ngento/nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.
5. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Isizathu/Ukunika ubungqina/Nokuxhasa zizo ekumele ziqwalaselwe.

### UMBUZO 6

### *UNGODONGWANA* – PM Ntloko

6.1

6.1.1 UDingiswayo wahlaselwa ziindlavini esemdudweni. Waqonda ukuba uJobe wayeza kuphinda azame ukuba abulawe. Wenza ke isigqibo sokubalekela emaHlubini. √√ (2)

6.1.2 YayinguTana. √ (1)

6.1.3 Wayeyinkosi yabaThethwa. √ (1)

6.1.4 UDingiswayo wabonisa ooBhungane inxeba lomkhonto ethangeni lakhe. Wahlatywa ziindlavini esemdudweni kwelabaThethwa. √√ (2)

6.1.5 UCowan wayengumcebisi kaBhungane. √ Wayefundisa inkosi yonke into malunga nobuchule bokulwa nangokuphatha imikhosi. √ (2)

6.1.6 Izilimela. √ (1)

6.1.7 Wachitha iminyaka emithathu kwelamaHlubi. √ (1)

6.1.8 WayenguNgodongwana. √ (1)

6.1.9 Watshintsha igama lakhe kuba wayengafuni ukwaziwa kwelamaHlubi hleze utata wakhe uJobe amfumane ambulale. √√ (2)

6.1.10 A/kukuva iindaba. √ (1)

6.1.11 Wayengunyana wendlu encinane kaJobe. √ (1)

6.1.12 Bubuxoki. UBhungane wampha ihashe njengesikhumbuzo sobukho bakhe kwelamaHlubi. √√ (2)

6.1.13 UDingiswayo wayefuna ukubuyela kwelabaThethwa abe yinkosi. √√ (2)

6.1.14 Waphiwa umpu. √ (1)

6.2 6.2.1 Uthetha ngoMawewe oyinkosi yabaThethwa. √ (1)

6.2.2 UDingiwe ngudade boDingiswayo. √ (1)

6.2.3 Ungumhlobo omkhulu kaDingiswayo. √ (1)

6.2.4 Ngumgidi wokwamkela uDingiswayo owayebuyela kwelamaHlubi. √√ (2)

6.2.5 Babefuna ukufumana ithuba lokumhlasela bambulale. √√ (2)

6.2.6 Wabaxelela ukuba iye eMathanga. √ (1)

6.2.7 Babefuna ukulalela uMawewe endleleni. √ (1)

6.2.8 Uphuphe amadoda amabini abulala enye ngezikhali. √√ (2)

6.2.9 Kwakusekurhatyele. √ (1)

6.2.10 Wayehlaselwe ngooDingiswayo wafa. √√ (2)

6.2.11 Basebenzisa izixhobo. √ (1)

6.2.12 Iphupha likaDingiwe laba yinyani kuba uDingiswayo noMbangambi babulala uMawewe ngezikhali. √√ (2)

6.2.13 A/UMbangambi. √ (1)

6.2.14 Wasinqwenelela umanyano, uxolo nemvisiswano. √√ (2)
**[40]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2015 -11- 06
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2015 -11- 06
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

**UMBUZO 7**

**IHOLIDE EBIWEYO – J William noT Ntshinga**

7.1 7.1.1 Ikwiyadi yamatshijolo. √ (1)

7.1.2 B/Ukuhamba okomntu onxilileyo. √ (1)

7.1.3 Indoda enkulu yayifuna ukumdubula ngompu. √√ (2)

7.1.4 Indoda enamagxa amakhulu yazama ukudubula uRobert ngompu.√ URobert waphepha wagibisela isitatha semoto ebusweni bendoda. √ UBuso-bukrwentshiweyo wazama ukumhlaba kodwa uRobert wambetha ngenqindi wabaleka. √ (3)

7.1.5 Ayesebenza ezimotweni ezibiweyo./Ayepeyinta iimoto./Ayesusa iinombolo zeemoto. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo kwezi yamkelekile) (2)

7.1.6 Eli binzana lithetha ukuthi amatshijolo ayemleqa uRobert./ ayephantse ukumbamba / ukumfumana. √√ (2)

7.1.7 Watsiba ngaphaya kodonga. √ (1)

7.1.8 Yindoda enkulu. √ (1)

7.1.9 Wabaleka wazifihla eziyadini zabantu. √√ (2)

7.1.10 B/Kukwenza into ngokukhawulezayo. √ (1)

7.1.11 URobert waye selezibonile iimoto ezibiweyo. / Wayeza kuxelela amapolisa. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo kwezi yamkelekile) (2)

7.1.12 Wayeza kusebenzisa ifowuni yamatshijolo afowunele amapolisa. √√ (2)

7.2 7.2.1 Bubuxoki. Ayesendleleni ekhangela uRobert. √√ (2)

7.2.2 C/Iimoto zamapolisa. √ (1)

7.2.3 Iqela. √ (1)

7.2.4 Bubuxoki, yayingaphuphi. Yavuya kakhulu kuba yazibona zonke iimoto eyayizikhangela. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo ukuxhasa impendulo yakho yamkelekile) (2)



fh X.N. PP

7.2.5 Isango lalitshixiwe kuba amatshijolo ayengafuni ukuba abantu bazibone iimoto ezibiweyo eyadini. √√ (2)

7.2.6 Yancuma kuba yazifumana iimoto ezibiweyo. √√ (2)

7.2.7 Iimoto zipeyintiwe ngamatshijolo / ukuze zingafunyanwa ngamapolisa. √√ (2)

7.2.8 Wafumana ikhadi lakhe lebhanki √ kunye namarherheba athile eerandi. √ (2)

7.2.9 Wazifumana esingxotyaneni esingaphakathi emotweni. √ (1)

7.2.10 Wafumanisa ukuba ootsotsi babengekachithi nemdaka kwimali yakhe/yonke imali yakhe yayiselapho. √√ (2)

7.2.11 C/Yayiluhlaza. √ (1)

7.2.12 Wayehleka kuba wayewuthanda umbala omaruni kwaye wabona ukuba imoto yakhe yayipeyintwe kakuhle ngamatshijolo.√√ (2)
**[40]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 120**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2015 -11- 06
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS